
# Circles Within Circles: Girlfesto

## 'ASIKROKRELISI! SIZA KUKUPHELISA UKUHLUKUNYEZWA NGOKWESINI!'

### EQuebec | 8-11 Julayi 2018

### *Montebello Girlfesto*




*IMontebello Girlfesto iphuma kwi* **Circles within Circles: Transnational Perspectives on Youth-led Approaches to Addressing Gender-Based Violence**, *intlanganiso eyayibanjelwe eMontebello, eCanada, ukususela ngomhla we-8-11 kuJulayi 2018. Abathathi-nxaxheba bayila le Girlfesto ngosuku lokugqibela lwentlanganiso. Le ntlanganiso yadibanisa amantombazana namabhinqa asematsha kunye nabaphandi, abameli bemibutho engekho phantsi korhulumente yesizwe neyamazwe ngamazwe nabenzi bemigaqo-nkqubo abavela eCanada, eMzantsi Afrika, eKenya, eSweden naseRashiya. Yabandakanya iintetho ezenziwa ngamantombazana namabhinqa asematsha malunga nezinto abazenzayo apho bahlala khona ngokubhekisele ekuhlukunyezweni ngokwesini. Kwabakho neewekshophu ezingqiyame ngobugcisa, iiseshoni zamahlakani nomboniso wamazwe ngamazwe, obizwa i-'Speaking Back,' nonemifanekiso evela kumazwe a-7. Injongo yale ntlanganiso yezizukulwana ngezizukulwana neyamazwe ngamazwe yayiyeyokuba amantombazana namabhinqa asematsha omthonyama nangengawo omthonyama axoxisane, abelane ngolwazi nangezinto ezenziwayo, unxibelelwano, kwaye omnye afunde komnye iindlela zokuthatha inxaxheba ngokubona nangokungqiyama ngobugcisa ukuze bajongane nokuhlukunyezwa ngokwesini. Noxa ukuhlukunyezwa ngokwesini kukho ehlabathini liphela, ubukoloniyale nobusolusapho buxhasa ucalulo nokungalingani, oku kuhlukunyezwa kufuna ukujongwa ngokwemeko, nto leyo ekwafuna kuthathelwe ingqalelo isini neendlela esizibonakalisa ngayo.*

*Iqela lamantombazana namabhinqa asematsha iSisters Rising labonisa ukubaluleka kokuthabatha kwabo inxaxheba ngamandla ekwenzeni umgaqo-nkqubo nokuphuhlisa inkqubo. Lagqamisa ubugcisa balo obungundoqo ekudaleni ubuhlobo obuqinileyo namanye amantombazana, ukuba ngoosisi, ukudibana ngokwesizwe nangokwamazwe ngamazwe, ukuzibandakanya neendlela zokunxibelelana nokwenza ulwazi, ezikwayolisa nokuba namathuba okuphuhlisa izakhono nokufunda.*

**Ababe negalelo kwiMontebello Girlfesto:** Indigenous Young Women's Utopia (Treaty 6 Saskatchewan, Canada) | Sisters' Rising (British Columbia, Canada) | Eskasoni (Nova Scotia, Canada) | Girls Leading Change (South Africa) | Young Girls Leading Change (South Africa) | Gender Activists (South Africa) | Social Ills Fighters (South Africa) | Leaders for Young Women's Success (South Africa) | Ange School (Sweden) | McGill University | University of Victoria | Mount Saint Vincent University | York University | Nelson Mandela University | University of KwaZulu-Natal | First Nations University | G(irls)20 | United Nations Girls Education Initiative | Canadian Women's Foundation | Pauktuutit (Inuit Women of Canada) | Gorbachev Foundation (Russia) | Youth Coalition for Sexual and Reproductive Rights | Trudeau Foundation Scholars

McGill | IDRC | CRDI | FONDATION TRUDEAU FOUNDATION | University of KwaZulu-Natal / Inyuvesi yakwaZulu-Natali | Social Sciences and Humanities Research Council of Canada / Conseil de recherches en sciences humaines du Canada | Canada | Networks 4 Change

# Sifuna inkululeko, hayi ukhuselo nje lodwa

## ISIQALO

IMontebello Girlfesto isekwe phezu kwenkolelo ethi ukubandakanywa kwamantombazana namabhinqa asematsha njengabantu abanolwazi nanjengeenkokheli, bexhaswa ngawo onke amahlakani ekujongeni ukuhlukunyezwa ngokwesini, ngundoqo kutshintsho olufunekayo ukuze kunyaniseke iphupha lokhuselo kwabantu apho amantombazana namabhinqa asematsha aphathwa ngokulinganayo nangembeko.

## UMBONO

*'Sifuna inkululeko, hayi ukhuselo nje lodwa'*

Umbono wethu welizwe eligqibeleleyo elingahlukumezi ngokwesini lifuna ukuxatyiswa kwemithetho-siseko yokungathathi cala, Ukulingana, Ubulungisa neSidima sabo bonke abantu. Lo mbono uzibalula ngemisebenzi ekhumbula ukungafani, ngokunxibelelana okukhululekileyo nangokumamela ngamandla. Lo mbono uboniswa ngulo mfanekiso ulandelayo, owenziwe liqela lamantombazana namabhinqa asematsha athabatha inxaxheba kwi-*Circles within Circles*. Ngaloo ndlela abonisa ilizwe azinikela ekulenzeni.

## UKUZE LO MBONO UZALISEKE KUFUNEKA SENZE OKU KULANDELAYO:

- Ukufunda ukungonwabi
- Ukuqonda nokuvuvuma okokuba amava akafani
- Ukuva, hayi nje ukumamela, ngokukodwa amantombazana namabhinqa asematsha
- Ukuqonda amandla namalungelo awodwa abahlali bethu
- Ukuvuma nokujonga ukuhlasela okuncinci nobundlobongela obusecaleni kubahlali bethu.
- Ukukhululeka entliziyweni nasengqondweni xa singena kulo mcimbi wengxoxo.
- Ukwabelana ngamabali aphikisayo (kuquka amabali empumelelo nokuba nesibindi)
- Ukusoloko sicinga ngezinto nangeendlela zokuziphatha ezinokwenza okokuba ukuhlukunyezwa ngokwesini kube ngolunye uhlobo
- Ukuthanda nokuhlonelana njengabantu, sivuyisane, ngokufana nangokungafani kwethu
- Ukwamkela into ethi siyahoyana apho sithi sikhangelane, sixhasane ukuze siqinisekise okokuba siyakhula njengabantu
- Ukuyiqonda into yokuba amakhwenkwe nabafana kufuneka babe yinxalenye yeengxoxo zokuhlukunyezwa ngokwesini.

## SIBONGOZA ONKE AMAHLAKANI ETHU

*(amazwe ngamazwe, esizwe, amaphondo, abenzi bomthetho-nkqubo bengingqi, iinkokheli zabahlali nemibutho engeyiyo karhulumente)*

- Afun'ukwazi, acinge, abandakanyeke, akhululeke,axhase, abe nobubele amamele okuthethwa ngamantombazana namabhinqa asematsha, kwaye azimisele ukuzibandakanya neengxoxo ezingeelwimi ezininzi
- Ukunika umhlaba umazilawule, imizimba, umoya, izizwe, kubandakanywa abadibanisa abeMvelo nabaseYurophu namakhaya ookhokho babo: oku kuthetha ukukuqonda ukudibana kwamava amantombazana namabhinqa asematsha edibana nomhlaba namanzi kwimeko yehlabathi liphela, ukubuyiselwa kwamalungelo, ukuzilawula komhlaba, imithetho yendalo nenkululeko ukuze amantombazana namabhinqa asematsha akwazi ukuziphilela
- Ukujongana neembali zobukoloniyale ekwabelwana ngazo nezithe ngqo nefuthe lazo kubahlali ngabahlali
- Ukudala iindawo ezikhuselekileyo zamantombazana namabhiqa asematsha kumanqanaba ngamanqanaba nakuzo zonke iimeko zentlalo
- Ukugcina izixhobo (kubandakanywa izixhobo zokuxhasa iindlela ezingqiyame ngobugcisa) zokuxhasa amantombazana namabhinqa asematsha abe nenxaxheba ekuveliseni izinto zenkcubeko
- Ukucela umngeni, nokutshintsha imigaqo-nkqubo engenabulungisa ethundeza ukuhlukunyezwa ngokwesini
- Ukwenza imigaqo-nkqubo efikelelekayo (ngokwenkqubo yedijithali yabantu nangeendawo ezikhoyo nangokusebenzisa ulwimi oluvakala lula)
- Ukulandelela nokongamela iziphumo zomsebenzi okanye zamalinge ahlanganyelweyo okujonga ukuhlukunyezwa ngokwesini, kwabantu, abahlali nemigaqo-nkqubo
- Ukukhuthaza intando yezopolitiko ukusuka phezulu uye ezantsi, nokusuka ezantsi uye phezulu ukuze kujongwe ukuhlukunyezwa ngokwesini
- Ukuxhasa iinkqubo nemigaqo-nkqubo encedisa ukuqinisekisa okokuba abahlali abaseli ziselo zinxilisayo kwaye abasebenzisi gwenxa amachiza
- Ukuqinisekisa okokuba imikhwa neepolitiki ezixhasa ukuhlukunyezwa ngokwesini azinyanyezelwa
- Ukuxhasa amalinge afana no-#Imnotafraidtosay (Andoyiki kuxela) no-#MeToo, nokungavali bantu imilomo
- Ukudala amathuba, ngokukodwa awemfundo, afezekileyo ngokwemvakalelo, ngokwasengqondweni, ngokwasemphefumlweni nasemzimbeni ngokubhekisele emantombazaneni nakubantu abancinci abangemnandanga
- Ukusabela amabali amantombazana namabhinqa asematsha okuba sengozini kwawo nokuxhasa abancedi bawo
- Ukuphonononga iindlela ezixhasa amantombazana namabhinqa asematsha okokuba ayile, avakalise ingqiqo yawo yokuhlukunyezwa ngokwesini
- Ukukhuthaza iiprojekthi ezijongene nokuhlukunyezwa ngkwesini kwiimeko zehlabathi liphela
- Ukuphuhlisa ezinye iindlela zokwabelana ngamalinge ahlukeneyo namathuba oncedo ngezimali (zombini ezi zinto izezokuxhasa amantombazana namabhinqa asematsha avuse abantu malunga neenkxalabo zamantombazana namabhinqa asematsha)
- Ukuzibophelela ekubandakanyeni inani elongezelelekileyo lamadoda namakhwenkwe kwiingxoxo zokuhlukunyezwa ngokwesini

## NJENGABAHLALI SIZINIKELA KOKU

- Ukugxininisa ukubaluleka kwesidima
- Ukuxhasa amantombazana namabhinqa asematsha athathe amanyathelo
- Ukuqonda ukubaluleka kwamalinge athathela ingqalelo umsebenzi wokuhlukunyezwa ngokwesini kwimeko yehlabathi liphela,ngokukodwa,ukuxhasa amantombazana namabhinqa asematsha athathe inxaxheba kulo msebenzi kwinqanaba lehlabathi liphela ngemicimbi efana ne*Circles Within Circles*
- Ukunyusa izinga lokuthatha inxaxheba kwamantombazana namabhinqa asematsha njengoomahlulelane ekuyileni umgaqo-nkqubo
- Ukubandakanya amakhwenkwe nabafana kwingxoxo nasekufuneni inguqu ukuze kuphele ukuhlukunyezwa ngokwesini
- Ukubophelela iinkokheli zelizwe nezehlabathi liphela ekujongeni ukuhlukunyezwa ngokwesini

## ISIPHELO

Le Girlfesto iyayivuma indima engundoqo engadlalwa ngamantombazana namabhinqa asematsha ekuyileni engqondweni, ekucwangciseni nasekwenzeni lula izinto ezayamana nobomi babo kwakunye nenkxalabo. Ngaphezu koko, iyakuqonda ukubaluleka kokumamela okuthethwa ngamantombazana namabhinqa asematsha. Igxininisa ixabiso lengxoxo namathuba okufunda akhokelwa ngamantombazana namabhinqa asematsha.

Okokuba ufuna ezinye iinkcukacha, qhagamshelana noClaudia Mitchell; kule imeyili:**claudia.mitchell@mcgill.ca**